SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

Confidential

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## NKANGA 2025

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-40 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-30 |

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Ndancedwa ngumhlobo wam loo mini **[50]**

1.2 Iinjongo zam emva kokufunda ibanga lematriki **[50]**

1.3 Ukuba bendinokulibuyisela umva ixesha ... **[50]**

1.4 Utshintsho olubalulekileyo endilwenzileyo **[50]**

1.5 Iindumasi kwezomculo zinefuthe elibi nelihle kulutsha **[50]**

1.6 Abantwana abenza imidlalo ngabona baphumelelayo ezifundweni **[50]**

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo ( 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7



[Uthatyathwe ku-www.pinterest.com] **[50]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta umchazele ngohlobo lweshishini ofuna ukuliqala kulo nyaka uzayo. **[30]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kwinqununu yesikolo sakho uyichazele ngomfundi oxutha ukutya kwabanye abafundi ngexesha lekhefu. **[30]**

2.3 **INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba 'Isolezwe', malunga nootsotsi abanyanzelisa ukunikwa imali yokhuseleko *(protection fee)* ukuze isikolo singaqhekezwa. **[30]**

2.4 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi komfundi notitshala malunga nokuthathwa kweeselfowuni zabafundi xa bezisebenzisa ngaphandle kwemvume eklasini. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

## UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IFLAYA**


Ungumsunguli *(developer)* we-ephu entsha yeziBalo. Bhala iflaya yokwazisa i-ephu yakho. **[20]**

3.2 **UMYALEZO OMFUTSHANE KA-*WHATSAPP***

Bhalela umhlobo wakho umyalezo omfutshane ka*WhatsApp* umkhumbuze ngezifundo zesiXhosa eziya kuba ngeMigqibelo esikolweni senu, umbonise ukubaluleka kwazo. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho ohamba ngeenyawo indlela esuka kwiphuli eya eYunivesithi. Landela iintolo ezisemephini.




[Uthatyathwe ku-*ChatGPT* waze wahlelwa] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African